UMBUTHO WAMAZWE EHLABATHI WEENZULULWAZI ZOBUME BOMHLABA, I-INTERNATIONAL UNION OF GEOLOGICAL SCIENCES (IUGS)

“Inzululwazi yoMhlaba yaMazwe eHlabathi” (“Earth Science for the Global Community”)

Yintoni i-IUGS?

Umbutho waMazwe eHlabathi weeNzululwazi zoBume boMhlaba, i-I-International Union of Geological Sciences (IUGS), eyasekwa ngo 1961, yenye yemibutho eyeyona mikhulu yenzululwazi eHlabathini. Ikhuthaza intsebenziswano yamazwe ehlabathi nokuthabatha inxaxheba kwiinzululwazi zomhlaba ngokuphathelelene nentlalontle yoluntu, kwaye ililungu leBhunga leNzululwazi laMazwe eHlabathi, i-International Council for Science (ICSU). Ubulungu buvulelekile emazweni okanye iingingqi ezichaziweyo. I-IUGS inamazwe angamalungu angaphezulu kwe 100 amele iingcaphephe zobume bomhlaba ezingaphezulu kwesigidi. I-IUGS isebenza ngokweeKomishoni ezinezihloko ezichaziweyo. Amaqela okwenza uMsebenzi othile kunye naManyathelo okuSungula iziganeko ndawonye nangeeNkqubo eziHlanganelwe neminye imibutho. Okwangoku le mibutho ibandakanya:

IiKomishoni:

- I-Geoscience education, training and technology transfer (COGE)
- I-Geoscience for Environmental Planning (GEM)
- I-History of geological sciences (INHIGEO)
- I-Management and applications of geoscience information (CGI)
- I-Stratigraphy (ICS)
- I-Tectonics and structural geology (TECTASK)

Iinkqubo ezihlanganelweyo:

- I-International lithosphere program (ILP)
- I-Geological applications of remote sensing (GARS)
- I-Isotopes and geochronology (TGIG)
- I-International geoscience partnership (IGCP) (see below)
- I-International Geological Congress (IGC) (see below)

Amaqela okwenza umsebenzi othile:

- I-Global geochemical baselines (TGGGB)
- I-Global geoscience workforce (TGGGW)
- I-Heritage stone (HSTG)
- I-Geoheritage (TGG)
- I-Global geoscience professionalism (TGGGP)

Amanyathelo okuSungula iziganeko:

- I-Forensic geology (IFG)
- I-Resourcing future generations (RFG)

Inkcazelo egcweleyo ingafunyanwa kwi-website ye-IUGS ethi: www.iugs.org .

Ubudlelwane be-IUGS ne-UNESCO malunga neNzululwazi yoBume boMhlaba kuMazwe eHlabathi (I-IUGS/UNESCO International Geoscience Partnership)

Ukusukela ngo 1972, le nkqubo, eyeyona ibaluleke kakhulu nexhaswa ngokuhlanganelwe yi-IUGS ne-UNESCO, seyixhase iingcaphephe zenzululwazi ezahlukaniswe yimiqobo yezoqoqosho neyezopolitiko ukuze zisebenzisane kwiiprowujekthi zophando nezokufikelela ehlabathini jikelele.

INkongolo yaMazwe eHlabathi yoBume boMhlaba, i-International Geological Congress (IGC)

Njengoko yaqala ukubanjwa ngo 1878, i-IGC, edibana emva kweminyaka emine, ngoku ngowona mnyhadala ubaluleke kakhulu kwiinkqubo ezicwangcisiweyo zenzululwazi yobume bomhlaba equka iingcaphephe zenzululwazi eziphuma kwiinkalo zonke. I- IUGS ibandakanyeke ekusekweni kwayo ukusukela ngo 1961 kwaye ngoku ijongene nokubanjwa kweNkongolo. Inkcazelo ngeNkongolo elandelayo ezakubanjelwa eKapa, eMzantsi Afrika ngo 2016 ingafumaneka kwi-website ye-IUGS.

Iziganeko ezigqamileyo

Ijenali ye-IUGS ephuma ngekota ikhupha iindaba zenzululwazi yobume bomhlaba malunga neenkqubela ezibalulekileyo kwingingqi nakwihlabathi ngokubanzi, nangeengxelo zophando kwinzululwazi. Imibandela yangoku nesele idlulile ingafundwa mahala kwi: www.episodes.co.in okanye kwi-website ye-IUGS. Ipapashwa nge-English. Okwangoku ine-IF emalunga ne 1.4. Iingxelo zingathunyelwa kuMhleli (iinkcukacha zonxulumano zinikiwe apha ngezantsi)

ISikhokelo saMazwe eHlabathi sokuCwangcisa aMagama (I-International Stratigraphic Chart)

Iikomishoni ezingaphantsi kweKomishoni enkulu ze-IUGS International Commission on Stratigraphy zenza igalelo kwisikhokelo esijonge ukuchaza nokulungelelanisa ukucwangciswa kobizo lwamagama ezinto. Uhlelo lwakutshanje lungabonwa kwi: www.stratigraphy.org .

Iindlela eziphambili zonxulumano

IUGS Secretariat E-mail: secretariat@iugs.org

Dr Fareeduddin, Editor of Episodes E-mail episodes.editor@gmail.com